URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Nobanele Patience Funani**
ICandelo loLawulo lwezaBasebenzi ngoBuchule
Nobanele.Funani@westerncape.gov.za | 021 467 2243

Inombolo yefayili.: 3/3/3/3/2
Isalathiso: 20240708-5077

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwezaBasebenzi ngoBuchule: 0008/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe nakwiiNqununu

**Isihloko: Ukuhanjiswa koMgaqo wokuZiphatha (*Code of Conduct*)**

1. UMgaqo wokuZiphatha (*Code of Conduct* ) kwinkonzo karhulumente, njengoko upapashwe kwiSahluko sesi-2 seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente(*Public Service Regulations*), ka-2016, epapashwe kwiGazethi kaRhulumente No 40167 yowama-29 Julayi 2016, mayifundwe kunye neMimiselo yeNkonzo kaRhulumente yowama-2023 (*Public Service Regulations*), epapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 11634 yowama-20 Oktobha 2023 iyimanyuwali karhulumente echaza imigaqo, imfundiso ezisisiseko, iinjongo, iinqobo nombono karhulumente. Umgaqo wokuziphatha unika bonke abaqeshwa, okt. ootitshala nabaqeshwa benkonzo karhulumente inkcazo ecacileyo yendlela yokuziphatha elindelekileyo kwakunye nokuba zintoni na ezinokuthathwa okanye ezingenakuthathwa njengezenzo ezilungileyo kwinkonzo karhulumente.

2. Lo mgaqo yeyona ntsika ibalulekileyo ekusekeni ulawulo olululo kunye nokuziphatha ngokufanelekileyo kwabo bonke abasebenzi bakarhulumente. Ukwaphakamisa imiba efana nokuhlonelwa kwamalungelo oluntu, ulawulo lomthetho, ukuphendula ngokuqhubekayo, ukwenza izinto elubala kurhulumente, ukuziphatha komntu nemiba yokuchaphalezeka kwakhe kwezemali.

3. UMgaqo wokuZiphatha usebenza njengesikhokelo kubaqeshwa malunga noko kulindelekileyo kubo ngokumalunga neenqobo zokuziphatha, kwindlela yokuziphatha komntu ngamnye nakubudlelwane babo nabanye. Ukuthotyelwa koMgaqo wokuZiphatha kuphucula izakhono zobungcali bokwenza umsebenzi yaye kunceda ukubethelela ukuzithemba kwinkonzo karhulumente.

4. Eyona njongo iphambili yoMgaqo wokuZiphatha kukukhuthaza indlela yokuziphatha engumzekelo. Nangona kunjalo, umqeshwa uya kuba netyala lokuziphatha kakubi ngokwecandelo 20(t) loMthetho weNkonzo kaRhulumente, ka-1994 (iSibhengezo 103 sika-1994), yaye unokohlwaywa ngokwamacandelo afanelekileyo oMthetho ukuba waphula okanye uyasilela ukuthobela nawuphi na umqathango woMgaqo wokuZiphatha.

5. Kunyanzelekile ukuba bonke abaqeshwa beSebe leMfundo leNtshona Koloni babe nolwazi ngokuqulethwe kuMgaqo wokuZiphatha nakwiMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, *2023*, makusetyenziswe ezi linki zilandelayo ukuze kufunyanwe la maxwebhu:
   **Code Of Conduct**; **Public Service Regulation**

6. Iya kuthakazelelwa kakhulu intsebenziswano yenu.

**ISAYINWE:** NGU-LJ ELY
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO**
**UMHLA:** 2024-07-16